



lntyatyambo ezimangalisayo zikaMakhulu

Le ncwadi yeka









bookdash.org

Every child should own a hundred books by the age of five. To that end, Book Dash gathers creative volunteers to create new African storybooks that anyone can freely print, translate and distribute. Then we work with partners to give those books to preschool children to own.

To find out more, and to download beautiful, open-licensed, print-ready books, visit bookdash.org.

lintyatyambo ezimangalisayo zikaMakhulu

(Ouma's amazing flowers)

Illustrated by Amber Tak

Written by Laurie Janey

Designed by Roulé le Roux

Translated by Ntsiki Ntusikazi

with the help of the Book Dash participants in Cape Town on 14 October 2023.

ISBN: 978-0-948602-13-9

Typeset in Mochiy Pop One and Quicksand

This work is licensed under a Creative Commons Attribution 4.0 Licence

(<http://creativecommons.org/licenses/by/4.0/>).

You are free to share (copy and redistribute the material in any medium or format) and adapt (remix, transform, and build upon the material) this work for any purpose, even commercially. The licensor cannot revoke these freedoms as long as you follow the following license terms:

You must give appropriate credit, provide a link to the license, and indicate if changes were made. You may do so in any reasonable manner, but not in any way that suggests the licensor endorses you or your use. No additional restrictions: You may not apply legal terms or technological measures that legally restrict others from doing anything the license permits.





lintyatyambo ezimangalisayo zikaMakhulu

Laurie Janey · Amber Tak · Roulé le Roux





UMakhulu unebhokisi
atyala kuyo engasefestileni
kwaye ineentyatyambo
ezimangalisayo. URobyn
ufuna ukuzinqothula zonke!










Nceda ungazingqothuli
iintyatyambo, Robyn!
UMakhulu uthanda
ukuzibona xa evula
iikhethini.






Amabhabhathane
ayadanisa ajikeleza
amagqabi. Kumnandi
kakhulu ukufikelwa
zezi ndwendwe.









linyosi zona zisebenzisa
iintyantyambo ekwenzeni
ubusi obumnandi.





lntyatyambo
zonwabisa wonke
umntu odlula kwindlu
kaMakhulu.







Ummelwane yena
uthanda ukurhogola
ivumba lazo xa etyelele.





Ngamanye amaxesha,
iingcungcu ziye
ziyisele incindi eswiti
yeentyatyambo.









Jonga, uqongqothwane
omncinci! Uyabengezela
xa eselangeni. Kukho
nombungu otyebileyo!



“Ungakhe ulinge
unqothule iintyatyambo
zikaMakhulu, Robyn!
Azizukukwazi ukuhlala
zikhangeleka ntsha
ixesha elide.”







“Andizi kuzinqothula,
Makhulu,” utsho
uRobyn, nangona efuna
ukuzinqothula.
Uziva ekhathazekile noko!





UMakhulu akafuni ukuba
akhathazeke uRobyn.

“Kulungike ke Robyn,”
utsho uMakhulu.

“Ungayinqothula eyona
uyithandayo intyatyambo.”









“Futhi, ndicinga enye into ...
Masityale kunye
iintyatyambo zibe ninzi!”





